

**NJING. MS MAKHANYA, INQUNUNU NESEKELA NGQONYELA
IYUNIVESITHI YOMZANTSI AFRIKA
ULWAMKELO: INTLANGANISO YASEMOYENI YECANDELO LEMFUNDO
ENGAPHAYA KWESIKOLO KWIPHONDO LOMNTLA KOLONI
22 – 23 September 2020**

Ndiyabulela Mbhexeshi Nkqubo, Gqirha Genevieve James

- Gqirha Zamani Saul: Inkulumbuso yoMntla Koloni
- Amalungu eCandelo Loonozakuzaku
- Njingalwazi Tshilidzi Marwala: Inqununu nesekele ngqonyela
leUniversity of Johannesburg
- Njingalwazi Andrew Crouch, Inqununu nesekele ngqonyela leSol
Plaatjie University
- Amalungu engxoxo avela kuzo zonke iingingqi
- Abameli abavela kumacandelo abucala nakawonkewonke
- lindwendwe ezimenyiweyo
- Amalungu amajelo eendaba
- Manenekazi namanene

Namkelekile nonke ngezandla ezishushu.

Lo ngunyaka odala umdla kakhulu ukuza kuthi ga ngoku. Sithe sisaqala ukubhiyozela unyaka wama-2020 njengonyaka wendyebo, u“*twenty-plenty*” wafika ubhubhane weCOVID-19, wasishiya sitsala nzima ukugcina imizamo yethu iqhuba, kwimeko yezithintelo ezinzima zokuvalwa kwelizwe.

Kubantu abaninzi yinyaniso ebuhlungu ukuba lo nyaka wendyebo ongu *twenty-plenty* usuke waba ngunyaka wentswela, u*twenty-empty*. Abantu abaninzi balahlekelwe yimisebenzi, amakhaya abo nokunye okuninzi. Abanye balahlekelwe ngabo babathandayo – elo ke lelona xabiso liphezulu kunawo onke. Ndicinga ukuba into esothuse sonke yindlela ekukhawuleze ngayo ukuguquka kobomi bethu, nokujika ngokukhawuleza kwezinto ebesifudula sizibona zibalulekile, esizibona zibubuvuvu kungoku nje. Ukubukela umzali wakho oyintanda esuka ekuphileni ubomi besiqhelo obuxakekileyo uze umngcwabe kwiintsukwana nje ezili-10 kungenza ukuba nomgxeki omkhulukazi akhe abuye umva, ahlehlengise izinto ukuze aqhubeke ngokufanelekileyo. Ndicinga ukuba yinyaniso ukuthi yathi yakufika iCOVID-19, ubomi bayinyaniso ngazo zonke iindlela.

Ngeendlela ezininzi, oku kwenzekile kwicandelo lemfundo ephakamileyo. Lo gama sonke sichatshazelwa ngubhubhane, ubunzulu nefuthe leziphazamiso bebusahluka kumaziko ngamaziko. Into yona esifaniselene ngayo kukuba siye sanyanzeleka ukuba sijongane ngqo, sibuze kwaye sivavanye ngokutsha uluvo lolwazi nemfundo, nendima yeyunivesithi kweli xesha lokuphazamiseka.

Ndinganixeleva ukuba le nkqubo yayisele iqalile kwangaphambi kweCOVID-19, xa kwabonakala phandle ukuba ukuqhubela phambili kobuchule bobuchwepheshe nobedijithali buyinto ngobunto bayo ekunikezelweni kwemfundo ephakamileyo. Saqala apho ukuzamazamana neenyaniso ezingenakuphikiswa: eziquka le yokuba malunga nama-60% olwazi olutsha enziwa ngaphandle kwamasango eyunivesithi, kwaye uthi xa umfundi ewugqibile unyaka wesithathu, lube lungasenamsebenzi ulwazi awayelufumene kunyaka wokuqala. Ndiqinisekile ukuba abahlohli abaninzi babengayikholelwa le nto, kodwa eyona nto imbi ngokugqithisileyo kukuba yayiboyikisa. Kwabakho ukuyamkela jikelele into yokuba kufuneka sikhwele kwinqwelo yezobuchwepheshe, kodwa kwelinye icala kwabakho ukuxhathisa ekukhweleni. Noxa kunjalo, kwaye uNjingalwazi Marwala uza kundixhasa kule, kwakusekuqalile ukubakho kwentshukumo nemincili kwimfundo ephakamileyo kwicandelo likawonkewonke nelabucala, ngenxa

yokuphakama kokufikeleleka kwe4IR kwezemfundo naseluntwini jikelele, njengemfuneko yenkqubela nophuhliso eluntwini, elizweni nakwilizwekazi. Oko akuthethi ukuba thina bazamkelayo izimvo ze4 ne5IR sasingayiqondi imingeni esijamelene nayo kwimeko esingqongileyo yenkulungwane yama-21 edijithali. Kunjalo nje siyiqonda kakuhle imingeni neengozi zokwamkela ezi zimvo – siquka nemiba yokufikeleleka nokukhutshelwa ngaphandle – kodwa sinengqondo ethi uncedo lungaphaya lee kwimingeni kwaye ke isidingo singunozala wokuqamba.

Kwabo babezama ukuhlehlisa into engenakunqandeka, mhlawumbi iCOVID-19 isifundisa esona sifundo sinzima esithi isiphazamiso esivela ngaphandle sikwazi njani ukuyimisa ngxi ngephanyazo indlela esiphila nesishukuma ngayo. Siyingcamle le meko kwiiyunivesithi zethu ngexesha lemizabalazo yentshukumo i-*#Feesmustfall*. Iinkqubo zokufundisa zachaphazeleka kakubi xa iinkokheli zeeyunivesithi zazigushuza zifuna ezinye iindlela zokunikezela imfundo kubafundi nokuqinisekisa ukuba besenakho ukubhala iimviwo, bawugqibe ngempumelelo unyaka wokufunda, bekhuselekile. I-COVID-19 iyenzile le nto, yaphumelela emagqabini.

Manditshi ngeliphandle kwabo bangaqondiyo: uphawu olufanayo, inceba esisindisileyo kwi-*#Feesmustfall* nobhubhane weCOVID-19, ibe bubuchwepheshe. Kuzo zozibini ezi ziphazamiso zikhulukazi, amaziko ethu emfundo ephakamileyo aguqukele ekufundiseni ngomoya kangangoko ebenakho, kuthathelwa ingqalelo imithombo namandla awo. Akwazile noko ukuqhuba ngeenkqubo zokufundisa – kwaye ibe bubuchwepheshe obusivumele ukuba senze njalo. Ngaphezulu, ngokuya kunyuka ukuphucuka kobuxhakaxhaka bobuchwepheshe nemeko egqubayo yokusebenza eyunivesithi, nangokuya kunyuka ukwazi ngobuchwepheshe nokuqeqeshwa kwabasebenzi, kokukhona kucutheka ukuphazamiseka kwale nkqubo.

Mhlawumbi iUnisa ingumzekelo omhle. Thina besihamba phambili kwimiba eliqela. Siliziko le-ODEL apho ubuxhakaxhaka bokusebenza bulungiselelwe i-ODEL, apho abasebenzi nabafundi beqhelene nendlela ekuqhutywa nekufundiswa ngayo. Sekungamashumi eminyaka siqhuba nge-ODEL, kwaye njengeyunivesithi, besesiznikezele, kwaye besesikwinkqubo yokuguqukela ekufundiseni ngomoya ngokupheleleyo. Ntonje siye sathi gqolo siyihlehlisa le njongo ngenxa yezizathu eziliqela, kangangokuba ukuzama ukufundisa ngomoya ngokukhawuleza kuye kwaba ngamava atyhafisa kakhulu.

Kusenjalo kwathi gqi iCOVID-19, sabona into esinokuthi *yifestile yethuba elinqabe kakhulu* lokuyibamb'itshisa singene ekufundiseni ngomoya ngokupheleleyo ngexesha elifanelekileyo. Andisayi kunichithela xesha ngeenkukacha, kodwa mandinixelele oku – le nto inakho ukwenzeka. Ibe luhambo oloyikisayo kodwa oludala imincili, kwaye asikabonakali isiphelo salo. Siye sahlengahlengisa kwaye sabhala ngokutsha izifundo ezifanele ukufundwa emoyeni, sazibhalisa emoyeni ngokupheleleyo iimviwo zaphakathi enyakeni. Ngokubona iziphumo zalo mgudu, sigqiba kukhupha isaziso esithi zonke iimviwo ezizayo ziza kubhalwa emoyeni. Zibe khona phofu iingxakana ekuqalekeni, kwiimviwo ezimbini nezintathu – ngoba alibangakho ixesha lokuyivavanya le nkqubo – kodwa ndiyaniqinisekisa ngelithi kuthe nje ukuba sizilungise ezo ngxakana, saqhuba kakuhle kakhulu. Siyazingca kakhulu ngokuba, umzekelo, iKholeji Yomthetho yethu, ibhalise ngempumelelo iimviwo zasemoyeni kubafundi abangaphaya kwama-20 000 – ngaphandle kwengxaki. Iingxelo ezivela kubafundi ngale nkqubo zintle ngokungathethekiyo. Sinabaveleli ababeka iliso kumagumbi eemviwo, kwaye nale inkqubo iya iphucuka kuviwo ngalunye, kangangokuba ukukopa kunqabile ngoku, akuseyiyo le ngxaki abantu abaninzi bacinga ukuba kuyiyo.

Manenekazi namanene, isizathu sokuba ndabelane nani ngolu lwazi kukuba ndikholelwa ekubeni siphazama kaninzi kwicala lokulumkela

okungekehli xa sisenza iinguqu ezinkulu nesaziyo ukuba ziza kunceda uluntu lwethu, ilizwe nelizwekazi lethu. Ewe kuyothusa kona kwaye kuphazamisa ingqondo, kodwa iziphumo ziyancumisa.

Inyaniso kukuba asisenakho ngoku ukuzimela ngesebe lokunqaba kokufikelela kwiindawo ezinomoya wedijithali okanye ekungafunini utshintsho kubasebenzi. Sibonakalisile ukuba apho kukho umnqweno, ikhona indlela. Kukho isaci samaNgesi esithi *uhambo lweemayile eziliwaka iqala ngenyathelo elinye*. Inkulungwane yama-21 isijongile, ineentsumpa namaqhakuva injalo, kwaye ke siyinxalenye okanye asiyonxalenye yayo. Sithi, thina baziinkokheli kwi-PSET okanye icandelo lezemfundo engaphaya kwesikolo, kumaziko kawonkewonke nawabucala, ekumele ukuba sibone phambili kwaye sibe nesibindi sokwenza into esiyaziyo ukuba imele ukwenziwa. Phofu asinakuyenza sisodwa le nto, ngenxa yokunqongophala kwemithombo nokuba nakho, kodwa ke amaqela eengxoxo afana neli, akholo loo nto. Kuza kufuneka ukuba sonke sibambisane, sidibanise imithombo esinayo ngenjongo yokuqinisekisa ukuba sinakho ukwenza oko kumele ukwenziwa, ukuze sivelise izithwalandwe zodidi oluphezulu ezidingeka ngokungathethekiyo kwimarike yethu.

Manenekazi namanene, ngonyaka wama-2019 i-Northern Cape Post-School Education and Training (PSET) Sector Forum yabamba indibano yokuqala ngqa, yokubonisana phantsi kwesihloko esasisithi: *Ingaba icandelo Lemfundo Noqeqesho Ngaphaya Kwesikolo livelisa izithwalandwe ezinolwazi olufunekayo, izakhono, ubunakho nembono eyaneleyo ukulungela inguqukazi yehlabathi yesine, (i4IR) emisebenzini/kwezorhwebo?* Okunye okwafunyaniswa kule ndibano yaba kukuba icandelo iPSET kufuneka liqwalasele ngokutsha iikharithulam zalo ukuze livelise izithwalandwe ezinezakhono ezilungele ixesha le-4IR.

Ngokweengcebiso zendibano yowama-2019 nezeenjongo zexesha elide zeqela lecandelo lePSET yaseMntla Koloni, eli qela liququzelele le ndibano yasemoyeni phantsi kwesihloko esithi: *Ukwakha iPhondo ngexesha le 4IR neCovid-19: imingeni namathuba kwicandelo lePSET nasemisebenzini.* Le ndibano yasemoyeni iza kwakhela phezu kokufunyaniswe kwindibano yokuqala, ukuze iqhube neengxoxo zokwakha iphondo ngexesha likaxakeka elifana neCOVID-19.

Injongo yale ndibano yasemoyeni kukuxoxa ngesi sihloko sichongiweyo ukuze kuveliswe iingcebiso ezinokuba nefuthe ngqo kwimigaqo nkqubo, amacebo obulumko nemisebenzi yecandelo lePSET eMntla Koloni,

kurhulumente nakumacandelo orhwebo lwabucala. Iingxoxo neengcebiso eziphambili ziza kupapashwa kwingxelo eya kunikezelwa kwiofisi yeNkulumbuso yoMntla Koloni ukwenzela ukuba baziqwalasele, mhlawumbi bazisebenzise. Sithemba ukuba zonke ezo ngcebiso ziya kuncedisa kuphuhliso lwePhondo loMntla Koloni.

Siyakulangazelela ukuva ngemitsi nemizamo eyenziwa liPhondo loMntla Koloni ekuphumezeni iCebo Lophuhliso Lweenjongo Zephondo lowama-2040.

Isiqalo seNguqukazi Yesine Yehlabathi size nobuchwepheshe obuphazamisayo neentshukumo ezifana nezifundo ngeerobhothi nobukrelekrele boomatshini. Iinguqu eziphuma kwezi ziphazamiso zinyanzelisa ukuba kubekho indlela eyahlukileyo yokucinga, yokusebenza nokuphila.

Njengeziko le-ODEL, ukwakheka komsebenzi weUnisa kunyanzelisa ukuba iziko eli lithathe inxaxheba ebonakalayo ekwenzeni ukuba i-4IR ibe yinto eyenzekayo apha kwiyunivesithi, ngaphezulu, ivelise izithwalandwe ezinezakhono ezifunekayo zokuthatha inxaxheba ngokusebenzayo kweli xesha le-4IR. Ndiyakholwa ukuba sisindleleni eqinisekileyo. Njengomnye obandakanyekayo kweli qela lengxoxo,

ndivumeleni ukuba ndithi iUnisa iyakulangazelela ukwabelana ngamava nawo nawaphi na amaqela anabameli abalapha. Singathanda ukwabelana nani nangenkxaso nokuba nakho xa kusiziwa kwiinguqu esizenzileyo, ukuqinisekisa ukuba njengeyunivesithi sivelisa izithwalandwe ezilungele nezinakho ukuzikhawulela ngempumelelo izidingo zenkulungwane yama-21.

Ndiyabulela.